



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

**GRADE 11**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELWEYO – IPHEPHA LOKUQALA**

**NOVEMBER 2009**

**MARKS: 120**

**TIME: 2 hours**

---

Olu viwo lunamaphepha ali - 15.

---

**IMIYALELO**

1. Eli phepha lemibuzo linamacandelo amaNE angala:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Ukusetyenziswa kolwimi	(60)
ICANDELO D:	Uncwadi	(20)

2. Phendula yonke imibuzo.
3. Bhala icandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA uze ukrwele umgca ekupheleni kwecandelo.
4. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.
5. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Qwalasela upelo nolwakhiwo Iwezivakalisi.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ngenyameko uze uphendule imibuzo elandelayo.

Read the following passages carefully and answer the questions that follow.

Lees die volgende uittreksels aandagtig deur en beantwoord die vrae wat daarop volg.

### UMBUZO 1

Nceda umntwana wakho enze *umsebenzi wesikolo*

ABANTWANA bawulibala lula umsebenzi wesikolo okanye **bathandabuze** ukwenza de balale. Nanga amacebiso okumnceda awenze umsebenzi wakhe wesikolo ...

- \* Xa wena kuqala **ungenamdlia** emsebenzini wesikolo womntwana wakho naye akabinawo. Abazali **badlal'indima** enkulu kwimfundo yabantwana babo kwaye xa umncedisa emsebenzini wakhe wesikolo uyakubona ukuba unomdla.
- \* Khethani indawo ezolileyo nihlale kuyo nenze umsebenzi wesikolo. Xa kukho nabany' abantwana babize wonk' umntu enz' umsebenzi wesikolo ukuze kungabi ngathi kulo omncinane **uyaqhathwa** wenz' umsebenzi wesikolo lo gama abanye bebukele iTV.
- \* Wujong' umsebenzi womntwana wakho ugcine iintsuku zokuziswa kwe-assignments. Umntwana wakho angazitshona ii-assignments xa ezenza ngom-zuzu wokuggibela.
- \* Ungamenzeli. **Mkhokele**. Mbonise apho angalufumana khon' ulwazi umkhuthaze ukuba azifundele azilungisele yena. Xa usenza njalo umfundisa ukufunda okuza kumnceda ukuba **akwazi ukuzimela** xa esenz' umsebenzi wakhe wesikolo.
- \* Yiba nonxibelewano neetitshala zomntwana wakho ingakumbi xa etsala nzima. Kaloku bona baza kukuncedisa ngokukunik' **iingcebiso** eziza kukunceda.

### AMAGAMA / VOCABULARY / WOORDESKAT

-thandabuza	stall / stel uit
Ungenamdlia	if you are interested / as jy belangstel nie
-dlal'indima	play a role / speel 'n rol
-qathwa	missing out / verbeur
mkhokele	guide him/her / lei hom/haar
akwazi ukuzimela	be independent / onafhanklik wees
iingcebiso	advice / raad

- 1.1 Abantwana abangathandi msebenzi wesikolo bathanda ukwenza ntoni malunga nalo msebenzi? (2)
- 1.2 Ukuba umzali akanamdlala emsebenzini womntwana, lo mntwana uza kuziva njani ngalo msebenzi? (2)
- 1.3 Umbhali uthini ngendawo yokwenza umsebenzi wesikolo? (2)
- 1.4 Yintoni icebiso lombhali ngokuphathelele kwii-assignments? (2)
- 1.5 Xa umzali engamenzeli umntwana ii-assignments emkhokela qha, lo mntwana uza kufunda ntoni? (2)
- 1.6 Yintoni uncedo lonxibelewano neetitshala? (2)
- 1.7 Wena mfundi, ufunda eziphi izifundo esikolweni? Bhala izifundo ezibini. (2)
- 1.8 Uwenza nini umsebenzi wakho wesikolo? (1)

[15]

## UMBUZO 2

### Ukuziseyivisela **imoto yakho**

Xa ufunu ukugcina imoto ikwimeko entle endleleni, ezi zinto ungazenzela ngokwakho yaye **zikongel' imali** ...

Kubhale kwafota uGavin Foster:

Ukuthenga imoto endala yiyona nto ilula, kodwa ukuyigcina ihamba yaye ikhuselekile kokona kuziindleko. Nangona kunjalo, ababini beemoto ezindala kwabaninzi badla ngokucinga ngokulungisa iimoto zabo xa **sezide zema ngxi**.

Awudlali ngemali oyichitha ekuseyiviseni imoto yakho, kwaye uninzi leemoto ezindala **ungaziseyivisa** ngezipanelo ezimbalwa nangolwazana olungephi onalo.

Ukuba **nolwazana** ngokulungiswa kwemoto kuko okukwenza ukwazi ukubona into ongayilungisa ngokwakhonofanele uyiyekele iingcali ezikuqeleshewyo ukulungisa imoto. Xa imoto yakho isenewaranti okanye **unesivumelwano sokuyilungiselwa** xa yonakele, mayilungiswe **ziingcali** ezivunyiweyo.

Ukulungiswa *kweFuel injection* neziqhoboshi kufuneka ukuyekele kwiingcali.

Injini yepetroli ifuna ipetroli nomoya ococekileyo **nentlantsi** eza kulumeka ipetroli ukuze ihambe kakuhle. Oko ke kuthetha ukuba *ipetrol filter, i-air filter* nesparks *plugs* kufuneka usoloko uxitshintsha emva kwethuba elithile. Iphistini neebheringi zifuna ioyile ecocekileyo ukuze **zingagugi msinya**, ngoko

kufuneka uyitshintshe ne-oyile ne-oil *filter* ngamafutha athile. Kweli nqaku siza kukucebisa ngokutshintsha ioyle nefiltha yayo, ukutshintsha i-air *filter*, nokutshintsha iiplagi ufake ezintsha. Oku kuya **kuyiphucula** indlela ehamba ngayo imoto yakho, ingayityi nakakhulu ipetroli nenjini yakho ihambe ixesha elide ingenangxaki.

[Bona, Juni 2003]

### AMAGAMA / VOCABULARY / WOORDESKAT

-seyivisela	service / diens
zikongel'imali	save you money / help jou om geld te spaar
xa sezide zema ngxi	when things have gone wrong / as
dinge	verkeerd loop
nangolwazana	bit of knowledge / 'n bietjie kennis
iingcali	experts / deskundiges
unesivumelwano sokuyilungiselwa	maintenance plan / onderhoudsplan
nentlantsi	and a decent spark / en 'n behoorlike vonk
zingagugi msinya	to prevent excessive wear / om slytasie te voorkom
-phucula	improve / verbeter

- 2.1 Nika indlela enye ongalondoloza ngayo imali ngokuphathele kwimoto yakho. (1)
- 2.2 Ukuthenga imoto kulula kakhulu kodwa yintoni edla imali eninzi? (2)
- 2.3 Iimoto ezindala zingaseyiviswa ngantoni? (2)
- 2.4 Zeziphi iimeko zemoto ezidinga ukulungiswa ziingcali? (4)
- 2.5 Zeziphi izinto ezifuna ukutshintshwa emva kwethuba elithile? (3)
- 2.6 Eli nqaku likucebisa ngokutshintsha izinto ezininzi zemoto (umz: ioyle nefiltha). Oku kutshintsha kuya kunceda ngantoni? (3)  
[15]

**ICANDELO B: USHWANKATHELO****UMBUZO 3**

Funda lo mhlobole wandule ukuwushwankathela ngamazwi akho.  
Landela le miyalelo xa ushwankathela.

1. Shwankathela esi sicatshulwa uthethe ngezi zinto:
  - (i) Izizathu zokusindisa ubomi babantu.
  - (ii) Ukuqeleshwa kwakhe kulo msebenzi.
  - (iii) Izizathu zokuba abantu bafune ukuzibulala. (7)
2. Bhala ngezivakalisi ezipheleleyo. (2)
3. Shwankathela ngamagama angama-40 ukuya kuma-50.  
Bhala inani la magama owasebenzisileyo. (1)  
**[10]**



UZithembe Dlamini wenza isiggibo sokuba ufunu ukuba ngumntu othethana nabantu abathimbe abantu nabafuna ukuzibulala emva kokuba umhlobo wakhe wazibulala ngokuziphosa phambi kololiwe. Kungumsebenzi wakhe ukusindisa ubomi babantu abathinjiwego okanye abo bafuna ukuzibulala eMzantsi Afrika naphesheya.

Ipolisa elineminyaka engama-24 laseNtuzuma eThekwini kufutshane naselxopo kwaZulu Natal lithe inani lokuzibulala kwabantu eMzantsi Afrika nakwamanye amazwe libangele ukuba enze izifundo zokusindisa ubomi babantu.

UZithembe ongunobhala wamaziko asemthethweni phantsi kweSouth African Police Services Finance Section, uye wangumnxibeelanisi wabantu abathinjiwego nabafuna ukuzibulala emva koqeleshwa olungqingqwa lweeveki ezimbini ePietermaritzburg.

Njengomnxibeelanisi wabantu abathinjiweyo nabantu abafuna ukuzibulala, umsebenzi wethu kukuthethana nomntu othimbe nantoni na kwinqwelo-moya okanye kwinqanawa, ebhasini okanye emotweni.

Ngamenye amaxesha xa umoni engafuni kumamela, kunyanzeleka ukuba kusetyenziswe amandla. Abantu abathethana nomntu othimbe abantu basoloko bekhatshwa ngabantu abaqeqliwego beSpecial Task Force, ukwenzela ukuba xa ngaba lo mntu enobundlobongela iSpecial Task Force singenelele.


UZithembe ucacisa athi abantu aboyikisa ngokuzibulala basoloko besima ekupheleni kvezakhiwo eziphakamileyo okanye ezibhulorhweni. Amaxesha amaninzi eyona nto bayifunayo aba bantu kukuhoaya. Ngamanye amaxesha bazikhomba ngemipu. Uthi ukwanda kwenani lokuzibulala kwabantu bekusothusa ngokutsho kwamapolisa. Utthe oku kwensiwa ziingxaki zomntu okanye iingxaki zasemsebenzini, kwaye inani sele linyuke kakhulu ingakumbi kwabantsundu, kuba abaninzi bahlala ezidolophini apho ubani azenzela into yakhe.

[BONA XHOSA, February 1999]

## ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Phendula YONKE imibuzo kweli cadelo.**


### UMBUZO 4



Jonga le mephu ingentla yedolophu yaseMthatha.

- 4.1    4.1.1    Kule mephu sikweliphi icala isikolo (singentla, singezantsi singaseNtshonalanga okanye singaseMpuma)? (1)
  - 4.1.2    Yintoni esemazantsi? (1)
  - 4.1.3    Zeziphi izitalato odlula kuzo xa usuka ebhankini usiya ebhayaskophu/ esinema? (2)
  - 4.1.4    Xa usuka eMasoka, ujike eMthembu, ungene ngeDlamini, unyuke ngeNcibane ungene eRhadebe; ufika ufumane ntoni? (2)
  - 4.1.5    Zeziphi ezinye izakhiwo nezinye izinto ocinga ukuba zifuna ukongezwa kule dolophu ? (2)
- [8]

4.2 Qwalasela le mephu yoMzantsi Afrika ze uphendule imibuzo engazantsi.



- 4.2.1 Linganisa ukuba ungakanani umgama ukusuka eKapa ukuya eBloemfontein? (2)
- 4.2.2 Linganisa ukuba ungakanani umgama ukusuka eKapa ukuya eRhawutini/Johannesburg? (2)
- 4.2.3 Yeyiphi eyona ndlela imfutshane ukusuka eDurban ukuya ePietersburg? Ineekhilometha ezingaphi? (2)
- 4.2.4 Fumana eyona ndlela ingcono ukusuka eKimberley ukuya ePietersburg unike nesizathu sokuba utsho? (2)
- [8]

### UMBUZO 5

- 5.1 Nika izichasi (**antonyms**) zala magama abhalwe bukekela/akrwelelwe nemigca ngaphantsi.

- 5.1.1 Xa ufile selidlulile ixesha lokukhwela ibhasi uvalelwa *ngaphakathi*.  
 5.1.2 *Ndiyakuthanda* ukuhamba ngeteksi.  
 5.1.3 lindlela zaselalini *zimxinwa*.  
 5.1.4 Xa uthabatha uhambo olude uhlawula imali *encinci*. (4)

- 5.2 Funda lo mhathana ulandelayo uze ulungise iziphene nolwimi olungamkelelanga.

Ukutshintsha kwamaxtsha kuze neenguqu kwinhlalo yomntu ngamnye. Kulemhla akusekho ukuxhaphazwa kwabantu Kaloku kukho nelungelo lenkululeko womntu ngamnye kunye nokhuseleko. Yiya izikolweni uyakufika ootitshala bengasasebenzisi luswazi. Kaloku kwawiswa umteto wokuba kuyekwe ukubethwa ezikolweni. Ngxatsho ke mzi wasemzansi afrika. sithi tshotsho ube nenqondo yokuba uonke umntu ube nelungelo.

(15)

- 5.3 Khetha igama elifanelekileyo. Khetha kula, ubhale igama elo kuphela.

5.3.1 Ndiza kumnceda (xa / nokuba / ukuba ) andimthandi.

5.3.2 (Emva kokuba / emva koko / emva ) nditye, ndiza kulala.

5.3.3 (Ukuze / ukuba / xa) ufunu ukuphumelela kufuneka ufunde.

(3)

- 5.4 Bhala ezi zivakalisi kwisininzi.

Umz. *Inja iyakhonkotha*.

Imp. *Izinja ziakhonkotha*.

5.4.1 Umhlobo wakho ubanziwe ngeCawa.

5.4.2 Umthi awufuni ukukhula ebusika.

(5)

- 5.5 Khetha igama elifanelekileyo kula magama akwizibiyeli uvale izikhewu kwizivakalisi ezilandelayo. Bhala igama kuphela.

[yena; likaThemba; eyona; kolu; ezona; eliya ]

5.5.1 Abakhenkethi bathanda ukudada ... lwandle.

5.5.2 Ikwayari icula ... ngoma zintle ecaweni.

5.5.3 ... udlala isoka esikolweni.

(3)

- 5.6 Khetha isikhuzo esifanelekileyo kwizibiyeli(...) Bhala isikhuzo kuphela.

5.6.1 (Heke! Yhoo!) ababukeli bayabethana.

5.6.2 (Owu! Iw-u-u!) alilihle lonke ilizwe!

(2)

5.7 Jonga lo mzekelo uze uphendule umbuzo olandelayo.

Umzekelo: “Sifuna ukujonga iTV”, batshilo abantwana.  
Impendulo: Abantwana bathe bafuna ukujonga iTV.

(i) “Ndifuna indebe yesoka”, utshilo umqequeshi.

Sibhale kwakhona esi sivakalisi uqale ngolu hlobo:

Umqequeshi uthe ... (2)

## UMBUZO 6

6.1 Bhala ezi zivakalisi kwisixando sokwenziwa.

Umzekelo: Uggirha uxilonga umguli.  
Impendulo: Umguli uxilongwa ngugqirha

6.1.1 Abaqeshi balungiselela amakhaya abo.

6.1.2 Ilizwe loMzantsi Afrika liza kwamkela abakhenkethi. (4)

6.2 Khetha elifanelekileyo kumagama owanikiweyo. Bhala igama kuphela.

6.2.1 Kutheni abadlali besoka (badlale, bedlala, badlala) kakuhle nje?

6.2.2 Abasasazi bamele ukuba (bathethe, bethetha, bangathetha) inyaniso.

6.2.3 Xa imvula (isina, ina, inile ), abantu banxiba idyasi yemvula. (3)

- 6.3 Funda esi sicutshulwa singezantsi, ujunge nomfanekiso, uze uphendule imibuzo elandelayo.



[USebata esemsebenzini]

**Kunqabile ukufumana umntu oyimfama ongafuniyo ukubona  
Nditsho nemfama yaseBetshaida naseSiloam yayinqwenela ukubona.  
Kodwa unomahluko uPineas Tauatswala obizwa ngoSebata ngabahlobo  
nosapho bakhe Iwakowabo.**

USebata ukubona kusisipho ukuba yimfama kwakhe. “Ukungaboni kundibeka endleleni yokuzazi nokwazi abanye abantu”, utshilo.

- 6.3.1 Ucinga ukuba kukho abantu abaninzi abafuna ukuba ziimfama?  
Kutheni utsho nje? (2)
- 6.3.2 UPineas Tauatswala ubizwa ngokuba ngubani yifemeli yakhe? (1)  
[60]

**AMANQAKU ECANDELO C: 60**

## ICANDELO D: UNCWADI

### Makuphendule **UMBUZO 7** okanye **UMBUZO 8**

UMZALI WOLAHLEKO: S.B.SINXO

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ngenyameko uze uphendule imibuzo elandelayo ngesiXhosa. Bhala izivakalisi ezizeleyo.

#### **UMBUZO 7**

- 7.1 Kwangezo ntsuku zokumka kooNdopho. ULiziwe wacela kubazali bakhe ukuba bamvumele aye kusebenza eMonti. Wayesithi ufunu ukuzambesa. Nangona uMenzile wayesala ukuba uLiziwe ahambe, uNojaji wasuka waba ngakwicala le ntombi yakhe. Woyiswa ke uMenzile wavuma. Wahamba ke uLiziwe waya kusebenza eMonti.

Apho eMonti akazange ahlale kakhulu; wahlala iinyanga ezintandathu wabuya.

- 7.1.1 Abazali bakaLiziwe babevuya okanye baba buhlungu ngaloo nto yokuba uLiziwe wayefuna ukuya eMonti? Xhasa impendulo yakho. (3)

- 7.1.2 Kwenzeka ntoni kuLiziwe eMonti? Wabuya? (2)

- 7.1.3 ULiziwe wayetshate nabani? Ngubani igama likamama womyen i wakhe? (2)

7.1.4 **Gqibezele / Complete / Voltoo:**

UNojaji wayefuna ukuba igama lo mntwana libe (a) ... kodwa uMenzile wayefuna kuba libe (b) ... (2)

- 7.2 Yadlula iminyaka yamithathu ukususela mhla uNdopho wakhutshwa ngunina esikolweni. Waphuma esafunda ibakala lesithathu. Wahamba namanye amakhwenkwe baye eRhawutini ngejoyini. Akazange acele xa ejoyina, kuloko wasuka wazimela akubona oontanga bakhe bekhwela. UNdimeni yena waphumelela ibanga lesithandathu.

- 7.2.1 Yayingubani inqununu yesikolo saseNjwaxa? (1)

- 7.2.2 Kwakutheni uNojaji egqiba ngokumkhupha uNdopho esikolweni? (2)

- 7.2.3 Emva kokuggiba ibanga lesithandathu, uNdimeni waqhubela phambili ngemfundo yakhe? Yayiyintoni isizathu soko? (3)

7.3 Ezi zivakalisi ziyaniso okanye zibubuxoki? Xa zibubuxoki, zilungise.

7.3.1 UNdopho wathi uNqhephe yimfama.

7.3.2 Umakhulu kaNdimeni nguNoseveni

7.3.3 UJomsini wayekhumsha akunxila.

7.3.4 EBhayi uNdimeni wafumana umsebenzi elwandle.

(5)

[20]

## OKANYE

**AMATHUNZI OBOMI: JJR JOLOBE**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ngenyameko uze uphendule imibuzo elandelayo.

## **UMBUZO 8**

8.1 UMADLOMO: Kaloku uyise wayekho ngoko. Ungakanani na umvuzo wam! liranti ezimbini ngeveki.  
Ngenyanga irente ziranti ezintathu. Kusala iiranti ezintlanu ukuba sitye. Imali yebhasi iphuma kwalapho neyezibhulukhwe zenu, isuke ke ingabikho eyebhotolo.

UTHEMBA: Ikhubalo leli khaya liya buya lisizele namathamsanqa, mama?

8.1.1 Singathi ooMaDlomo bazizityebi okanye bangamahlwempu?  
Nika isizathu sempendulo yakho?

(3)

8.1.2 UThemba wayebuza ngekhubalo. Yintoni ikhubalo?

(2)

8.1.3 UMaDlomo wayenangaphi na?

(1)

8.1.4 UThemba wafumana ntoni kurhulumente emva kokuphumelela iimviwo?

(3)

8.2 UNGXAKI: Ndiya kuyenza nini le nto yokuthi ‘Kubomvu, Kumnyama?’

UMADLOMO: Uza kuqala namhlanje oku. Namhlanje kungolwesihlanu uya kuqhuba kude kube sebusuku.  
Uya kwenjenjalo nangomso ngoMgqibelo emva kwemini kude kube sebusuku.

8.2.1 UNgxaki uyintoni kuMaDlomo? Ngubani enye inkwenkwe elalini?

(2)

8.2.2 Kuthetha ukuthini oku kukhwaza kukaNgxaki?

(4)

8.2.3 Enye inkwenkwe ku 8.2.1 yayiza kwenza ntoni ngeli xesha? (1)

8.3 UKHUMBENI : Molo, Dlomo.

UMADLOMO : Bhota, Khumbeni.

UKHUMBENI: Ninjani, Dlomo ngempilo?

UMADLOMO : Hayi sisekho, Khumbeni, unjani wena?

UKHUMBENI: Sihleli nathi, Dlomo. Ubuneendwendwe kule mpela-veki Dlomo? Ndisoloko ndibona abantu bephuma bengena kweli khaya. Ukuba bendingakwazi ukuba ungumntu wecawa ngeba ndithi uyathengisa.

8.3.1 UKhumbeni uyintoni kweli bali? (1)

8.3.2 Ngoobani ezi ndwendwe uKhumbeni abuza ngazo? (1)

8.3.4 Wena, mfundi ucinga ukuba kulungile ukufumana imali ngale ndlela kaMaDlomo? Xhasa impendulo yakho. (2)  
[20]

**AMANQAKU ECANDELO D:** 20

**EWONKE AMANQAKU:** 120